



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO (SAL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

FEBRUWARI/MATSHI 2014

IMEMORANDAM

WESTERN CAPE

AMANQAKU: 120

Le memorandam inamaphepha ali-10.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

- | | | | |
|-----|--------|--|-----|
| 1.1 | 1.1.1 | Inobude obuziimitha ezi-5 ukuya kwezi-6. ✓ | (1) |
| | 1.1.2 | Bubuxoki. ✓ limazi zona zimfutshane kuneenkunzi. ✓ | (2) |
| | 1.1.3 | Umzimba wemazi uneendawo ezimdaka kodwa iinkunzi zineendawo ezintsundu. ✓ | (1) |
| | 1.1.4 | Zizivumela ukuba zitye amagqabi emithi aphezulu. ✓ | (1) |
| | 1.1.5 | Ezimbini. ✓ Zii-ossicorns. ✓ | (2) |
| | 1.1.6 | Le ntliziyo ikhupha uxinzelelo lwegazi eliphindwe kabini ukuze igcine igazi lihamba liye kufikelela nasengqondweni. ✓✓ | (2) |
| | 1.1.7 | Azingelwa ziingonyama, iingcuka kunye namahlosi. ✓ | (1) |
| | 1.1.8 | Iyazulazula ikhangela imazi ukuze zibukane kwaye zidlale. ✓ | (1) |
| | 1.1.9 | Ithole elinye. ✓ | (1) |
| | 1.1.10 | Ngokukhaba ngamandla. ✓ | (1) |
| | 1.1.11 | Zoyika iingonyama neengcuka ezithanda ukuzizingela. ✓✓ | (2) |
| | 1.1.12 | Yindlulamthi. ✓ | (1) |
| | 1.1.13 | Yi-R175 000. ✓ | (1) |
| | 1.1.14 | Bavela kwiindawo ngeendawo zaphesheya kolwandle. ✓ | (1) |
| | 1.1.15 | Bazingela iindlulamthi njengomdlalo. ✓ Bahombisa izindlu zabo ngentloko yendlulamthi. ✓ | (2) |

ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO

UMBUZO 1.2

- | | | | |
|-----|-------|---|-----|
| 1.2 | 1.2.1 | NguShoti. ✓ | (1) |
| | 1.2.2 | B/lintombi zonwaba gqitha ngenxa yokumthanda. ✓ | (1) |
| | 1.2.3 | Kuba intle kakhulu/Ubona ubuhle bayo. ✓ | (1) |
| | 1.2.4 | Intombi isusa isandla sakhe/lkhangeleka yothukile kukuphathwa nguye. ✓✓ | (2) |
| | 1.2.5 | Uve ukuba le ntombi sisithandwa sikaStix. ✓✓ | (2) |
| | 1.2.6 | A/Yintombi kaStix. ✓ | (1) |
| | 1.2.7 | Nendlulamthi. ✓ | (1) |
| | 1.2.8 | Unomsindo/Ucaphukile. ✓ | (1) |

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

UMBUZO 2

1. Shwankathela ngezivakalisi ezipheleleyo

- Thathani isigqibo ngendawo eniza kuyityelela. ✓
- Qinisekani ngesithuthi eniza kuhamba ngaso. ✓
- Yenzani amalungiselelo malunga nendawo yokulala endleleni. ✓
- Dibanani nogqirha nifumane amayeza okuzikhusela kwizifo kwelo lizwe. ✓
- Fumanani iipasipoti nevisa zokungena nokuhlala kwelo lizwe. ✓
- Kufuneka nifumane ulwazi ngeendawo zokuhlala. ✓
- Qinisekani ngemali eniza kuyichitha kwiholide yenu. ✓ (7)

Thathani isigqibo ngendawo eniza kuyityelela. ✓ Qinisekani ngesithuthi eniza kuhamba ngaso. ✓ Yenzani amalungiselelo malunga nendawo yokulala endleleni. ✓ Dibanani nogqirha nifumane amayeza okuzikhusela kwizifo kwelo lizwe. ✓ Fumanani iipasipoti nevisa zokungena nokuhlala kwelo lizwe. ✓ Kufuneka nifumane ulwazi ngeendawo zokuhlala. ✓ Qinisekani ngemali eniza kuyichitha kwiholide yenu. ✓ (7)

2. Amanqaku olwimi. ✓✓✓ (3)

Isishwankathelo masikorekishwe ngolu hlobo lulandelayo:

- **Ulwabiwo-manqaku**

Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7.
Amanqaku ama-3 olwimi.
Amanqaku ewonke: 10

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa besebenzise amazwi abo:**

1–3 amanqaku achanekileyo: Nika inqaku eli-1.
4–5 amanqaku: Nika amanqaku ama-2.
6–7 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-3.

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa besebenzise amazwi abo naxa becaphula:**

- 1-3 amanqaku acatshulweyo nama-3 ukuya kwama-4 amanqaku anikwe ngumlingwa ngamazwi akhe: Nika amanqaku ama-3.
- 4-5 amanqaku acatshulweyo nama-2 amanqaku anikwe ngumlingwa ngamazwi akhe: Nika amanqaku ama-2.
- 6 amanqaku acatshulweyo nenqaku eli-1 elinikwe ngumlingwa ngamazwi akhe: Nika inqaku eli-1.
- 7 amanqaku acatshulweyo: Akukho manqaku anikwayo.

QAPHELA

- **Imo:**

Nokuba isishwankathelo sibhalwe ngemo engachanekanga, masiphononongwe.

- **Ubalo-magama**

- Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
- Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
- Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ukuya kumagama ama-5 ngaphezulu kwaqingqiweyo, ungawahoyi alandelayo.

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: ULWIMI

UMBUZO 3

- | | | | |
|-----|--------|--|-----|
| 3.1 | 3.1.1 | Abafundi bafunda isiXhosa kodwa abafuni kusithetha. ✓ | (1) |
| | 3.1.2 | Qaba isunblock ukuze ungatshi lilanga. ✓ | (1) |
| | 3.1.3 | AmaBhokobhoko adlale kakubi izolo nangona ephumelele. ✓ | (1) |
| 3.2 | 3.2.1 | Imbaleki/ukubaleka. ✓ | (1) |
| | 3.2.2 | Imfundiso/umfundisi/isifundiswa/ukufundisa. ✓ | (1) |
| | 3.2.3 | Umlimi/ulimo/ezolimo. ✓ | (1) |
| 3.3 | 3.3.1 | Ikati ileqwa yinja. ✓ | (1) |
| | 3.3.2 | Intombi yam intle/Intle intombi yam. ✓ | (1) |
| | 3.3.3 | UZahara akazange acule kwitheko likabhuti wam. ✓ | (1) |
| 3.4 | 3.4.1 | D/Ugqirha undibophe engalweni. ✓ | (1) |
| | 3.4.2 | A/Ndiyahamba, sendiyibukele. ✓ | (1) |
| | 3.4.3 | C/Hayi enkosi, nditye ndahlutha. ✓ | (1) |
| 3.5 | 3.5.1 | Shu! ✓ | (1) |
| | 3.5.2 | Hayi bo! ✓ | (1) |
| 3.6 | 3.6.1. | Umkhombe ubulawa kakubi. ✓ | (1) |
| | 3.6.2 | Usana aluphungi kofu. ✓ | (1) |
| 3.7 | 3.7.1 | Indlulamthi iza kutya amagqabi omthi. ✓ | (1) |
| | 3.7.2 | Umhlobo wam wayiqhuba/waqhuba imoto katata. ✓ | (1) |
| | 3.7.3 | Ndinxaniwe. ✓ | (1) |
| | 3.7.4 | Abafundi babeneencwadi. ✓ | (1) |
| | 3.8.1 | Ucango. ✓ | (1) |
| | 3.8.2 | -Chola. ✓ | (1) |
| | 3.8.3 | Icuba. ✓ | (1) |
| | 3.8.4 | Umculo. ✓ | (1) |
| | 3.8.5 | Umgca. ✓ | (1) |

3.9	3.9.1	Ekuseni ndivuka nditye ibrakfesi. ✓	(1)
	3.9.2	Bekumnandi ukuba nawe sisi, hamba kakuhle. ✓	(1)
	3.9.3	Umongameli uthethe kamnandi kangangokuba abantu bamvotela. ✓	(1)
3.10	3.10.1	Isentla. ✓	(1)
	3.10.2	Isemva. ✓	(1)
	3.10.3	Iphakathi. ✓	(1)
	3.10.4	Uphakathi. ✓	(1)
4.1	4.1.1	Elihle. ✓	(1)
	4.1.2	Eli. ✓	(1)
	4.1.3	Alithoba. ✓	(1)
	4.1.4	Kunephondo. ✓	(1)
	4.1.5	Inabantu. ✓	(1)
4.2	4.2.1	Intombi ihamba nabani ukuya edolophini?/Intombi nomalume baya phi? ✓	(1)
	4.2.2	Amakhwenkwe athanda umdlalo wantoni?/Ngoobani abathanda umdlalo wentonga? ✓/Umdlalo wentonga uthandwa ngoobani? ✓	(1)
	4.2.3	Ngamadada kabani la? ✓/Ngakabani la madada? ✓	(1)
	4.2.4	Ikhaya lakho liphi?/Liphi ikhaya lakho? ✓	(1)
	4.2.5	Usana lunamazinyo amangaphi? ✓/Mangaphi amazinyo osana? ✓	(1)
4.3	4.3.1	Yifriji. ✓	(1)
	4.3.2	Bubuxoki. ✓	(1)
	4.3.3	Ikhompyutha. ✓	(1)
	4.3.4	ITV nesitovu. ✓	(1)
4.1	4.4.1	Umfundisi uculile. ✓	(1)
	4.4.2	Ulutsha luyavota kulo nyaka. ✓	(1)
	4.4.3	Udade wethu wakhetha amasi. ✓	(1)
	4.4.4	Igqirha belinyanga isigulana. ✓	(1)
	4.4.5	Abahlobo bancokole ngezemidlalo. ✓	(1)

4.5	4.5.1	Iduru/idulu/iyabiza. ✓	(1)
	4.5.2	Imxinwa/ivalekile. ✓	(1)
	4.5.3	Ilula. ✓	(1)
4.6	4.6.1	Isikolo/iprayimari. ✓	(1)
	4.6.2	Intolongo/ijele. ✓	(1)
	4.6.3	Iziqhamo. ✓	(1)
4.7	4.7.1	Ngothango. ✓	(1)
	4.7.2	Ubonisa. ✓	(1)
	4.7.3	Ubethwe. ✓	(1)

AMANQAKU ECANDELO C: 60

ICANDELO D: UNCWADI

UMBUZO 5

UNGODONGWANA – PM Ntloko

- 5.1 'Umntakabawo'. ✓ (1)
- 5.2 YayinguNgodongwana. ✓ (1)
- 5.3 Wayefuna ukumqinisekisa ukuba nguye ngenene. ✓✓ (2)
- 5.4 Waziva enovuyo/emangaliswe/wayothukile. ✓ (1)
- 5.5 Wayengaqinisekanga ukuba usaphila uNgodongwana. Wamgqibela kudala. ✓✓ (2)
- 5.6 Wayebaleka ingqumbo kaJobe owayefuna ukumbulala. ✓✓ (2)
- 5.7 Wayeyinkosi yamaHlubi. ✓ (1)
- 5.8 NguCowan igama lakhe. ✓ (1)
- 5.9 Wamnika umsebenzi wokwalusa/wamenza umphathi wesixekwana/wamnika ithuba lokuqeqeshwa ekuphathweni kwemikhosi. ✓✓ (2)
- 5.10 Abazange balibone ihashe nompu ngaphambili. ✓✓ (2)
- 5.11 Ufuna ukwenza isidlo solwamkelo ngenjongo yokuvuyisana noNgodongwana. ✓✓ (2)
- 5.12 Ukucacisa imfuneko yokuba kufuneka athathe ubukhosi. ✓ (1)
- 5.13 Masimbulale. ✓✓ (2)
- [20]**

UMBUZO 6

IHOLIDE EBIWEYO – Joseph William noThabazi Ntshinga

- 6.1 Wawujoliswe kwintloko kaRobert. ✓ (1)
- 6.2 B/Ukulala ngesisu emgangathweni. ✓ (1)
- 6.3 Wafumana into eqinileyo esisitatha semoto. ✓ (1)
- 6.4 Wayefuna ukuyisebenzisa njengesixhobo. ✓ (1)
- 6.5 'Gxovo'. ✓ (1)

- 6.6 A/Ukuziva uphelelwa lixhala. ✓ (1)
- 6.7 Babesegaraji. ✓ Wasiwa apho nguBuso-bukrwentshiweyo emva kokuba ekrobe eyadini yootsotsi. ✓ (2)
- 6.8 UBuso-bukrwentshiweyo wayesondela kuye ephethe imela. ✓✓ (2)
- 6.9 URobert wambetha ngenqindi ngawo onke amadla akhe. ✓✓ (2)
- 6.10 Sithetha ukuba uBuso-bukrwentshiweyo wawa phantsi. ✓ (1)
- 6.11 Ayemathathu. ✓ (1)
- 6.12 Ayesebenza ezimotweni ezibiweyo. ✓✓ (2)
- 6.13 Ayemleqa kuba aqonda ukuba uRobert uzama ukuzisindisa. ✓✓ (2)
- 6.14 'igxadazela'. ✓ (1)
- 6.15 Bendiza kuzama ukufowunela amapolisa/Bendiza kubaleka kakhulu. ✓
[Nayiphi na impendulo echanekileyo iya kwamkelwa] (1)
- 6.16 C/Babecotha behamba kancinci ngaselwandle. ✓ (1)
- [20]**

AMANQAKU ECANDELO D: 20
AMANQAKU EWONKE: 120